



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI-9

EYENKANGA 2017

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO (FAL) P2**

AMANQAKU: 60

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-8.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (20)
ICANDELO B: Ukusetyenziswa kolwimi. (30)
ICANDELO C: Umbongo. (10)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
ICANDELO A: 50 imizuzu
ICANDELO B: 40 imizuzu
ICANDELO C: 30 imizuzu
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1: ISICATSHULWA**

Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

IPHUPHA**1 Umhlathi wokuqala.**

UVatiswa ngowakwidolophu yaseMthatha eMpuma Koloni, uliphelo kubantwana abane. Uphuma kusapho lwabantu abaculayo. Ngeecawe, uyise ongasekhoyo wayedla ngokudlala ipiyano aze yena nabantakwabo bamngqonge bacule kunye. “Emva kokubukela iindaba, ndandiye ndiye ekamereni ndize ndithathe ikama kasisi wam ndiyisebenzise njengomboko wokuthetha ukuze ndisasaze iindaba ngaphambi kwesipili. Bendifunda iindaba ndize ndilinganise ngaxeshanye, kodwa bendinqwenela ukulinganisa ikakhulu.” utsho uVatiswa. Ngexesha usapho lwakhe lubuyela eMzantsi Afrika, uVatiswa zange aphozise maseko waqhubekeka.

2 Umhlathi wesibini.

Waye waya kwii-auditions zakhe zokuqala zikanomathotholo kwisikhululo saseMthatha iRadio Transkei. Nangona kwakungahambi kakuhle oku, umnqweno wokulinganisa wawumtya. Nangona oogxa bakhe babemtyhafisa, zange atyhafe. Ekupheleni kwee-90s waya kuhlala eRhawutini waze waya kwii-auditions zokusasaza iindaba. Omnye wabagwebi uJane Hicks owayongamele icandelo leendaba eSABC ngoko, wandityhafisa. Wathi akaqondi ukuba ndinalo ilizwi likanomathotholo kwaye andisokuze ndiye phambili kulo msebenzi. Ndazixelela ukuba ndiza kuzama ndiphumelele.

3 Umhlathi wesithathu.

Waye wasifezekisa ke isithembiso awayezithembise sona, kuba wankqenqeza phambili kula msebenzi. Nangona wayegqwesa kwezosasazo, uVatiswa wayesoloko enethemba lokuba uza kude agqobhozele nakweli cala lokulinganisa. Waya kwii-auditions ezininzi ngaphambi kokuba afumane indima yakhe yokuqala yokuba nguMamumfundisi *kuGenerations*. “Abantu abandikholelwa xa ndibaxelela ukuba ndiqale ukulinganisa ngexesha ndandineminyaka engama-34” Emva kokuba ndifunde iscript, ndandingayiqondi le ndima kuba yayiyeyomntu ongcolileyo. Emva kokuthetha nomququzeleli wakhe, wagqiba kwelokuba ayilinge le ndima. Ilizwe lonke lalithetha ngoMamumfundisi, abanye babhalela kwaSABC beyikhalazela le ndima.

Umhlathi wesine.

Akukho mntu owayenexesha lokuba kuza kwenzeka ntoni kuye xa isuswa le ndima kuba **yayisonka sakhe esiya**. Yathi yakususwa loo ndima *kuGenerations*, wafumana enye kumdlalo othi *Home Affairs*. UVatiswa waye waya kwii-auditions zendima eza kumnika ithuba lokudlala indawo elungileyo, kodwa akayifumana loo ndima. Endaweni yoko waye wabizwa ukuba aze kwenza ii-auditions zendima kaMiriam owayengumama ongenankathalo, olinxila nongabahoyiyo abantwana bakhe. Waya kwezo auditions enyuse impulo kuba wayengayifuni la ndima kodwa wenza kakuhle waze wasifumana iscript salo mdlalo uneziqendu ezili-13. Ngenxa yetalente yakhe, wafumana imbasa iBest Supporting Actress kwiDrama.

[Sicutshulwe kwimagazine *iBona* kaSeptemba 2017: Iphepha 15–17 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1.

- 1.1 UVathiswa uzalelwe kweliphi iphondo? (1)
- 1.2 Khetha intsingiselo echanekileyo yeli gama "Iphelo" kula alandelayo. (1)
- A Ubuntu
B Untondo
C Umfana
D Inenekazi
- 1.3 Yintoni igama lesixhobo somculo esasithandwa ngutata kaVathiswa? (1)
- 1.4 Wenze ntoni uVathiswa ukubonisa ubukrele-krele xa wayelungiselela iphupha lakhe? (2)
- 1.5 Khetha ibinzana elinentsingiselo enye nale ithi **khange athathe xesha lide** njengoko lisetyenzisiwe kwisicatshulwa. (2)

Jonga kumhlathi 2.

- 1.6 Nika igama lesitishi awaqala kuso ukusasaza uVathiswa. (1)
- 1.7 Bhala izinto zibe MBINI awayenyenjwa ngazo ngumongameli weSABC. (2)
- 1.8 Ulifezekise njani uVathiswa iphupha lakhe? (2)

Jonga kumhlathi 3.

- 1.9 Nika isithetha ntonye seli gama '**Umsebenzi**' sithathe kulo mhlathi ungentla. (1)
- 1.10 Bhala eli binzana lilandelayo ngamazwi wakho. "Wagqiba ekubeni ayilinge le ndima" (2)

Jonga kumhlathi 4.


- 1.11 Safobe sini esisetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi. UVathiswa yincutshe kwiqela lakhe. (1)
- 1.12 Ingaba Yinyani / Luluvo intetho ethi 'xa uyifuna into uza kuyifumana' Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.13 Uthetha ukuthini umbhali ngamazwi abhalwe ngqindilili kulo mhlathi ungentla? (2)
- 1.14 Wafumana ntoni uVathiswa ngenxa yetalente yakhe? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 20

ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2

Funda ezi ziqwengana zilandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.



[Ithathwe kwi-Intanethi yaze yahlelwa]

- 2.1 Lo mfanekiso uthathwe kweliphi ikhasi lonxibelelwano? (1)
- 2.2 Khetha igama lemboleko elikwibhokisi yoku-1. (1)
- 2.3 Umntu othi '**YES**' Ubonakalisa oluphi uvakalelo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.4 Guqula esi sivakalisi sibe kwisilanduli.
Ndingene kumatshonisa ngenxa yentombi yam. (2)
- 2.5 Chonga isafobe esisetyenziswe kwibhokisi yesi-2. (2)
- 2.6 Kwibhokisi yesi-3 khetha ibinzana elinentsingiselo yokwaphulwa kwelungelo lomntwana. (2)

[10]

UMBUZO 3

Funda lo mhlathana ulandelayo uze **ulungise iziphene**.

<p>Umntana wesikolo oqeqeshekileyo wohluke mpela kwaba basezitatweni. Ingakumbi abasekapa. Uyakufika bethe ntaa amehlo, uske ube nosizi ngabo. Loonto abanalo ixhesha lokumamela nelokufunda. Le meko ifuna ukuthandazelwa.</p>	[5]
---	------------

UMBUZO 4

- | | | |
|-----|---|-------------|
| 4.1 | Nika isimaphambili sesi sibizo: Umthandazo. | (1) |
| 4.2 | Khetha isichazi kwesi sivakalisi silandelayo uze uchaze nodidi lwaso.
Lo mfundi mdaka. | (2) |
| 4.3 | Khetha isimelabizo esikwesi sivakalisi silandelayo uze uchaze nodidi lwaso.
Bahle bonke abafundi baseKapa. | (2) |
| 4.4 | Yakha isibizo esimbaxa ngala magama.
Ukudlula + umthi . | (2) |
| 4.5 | Bhala ngokuchanekileyo esi saci.
Ekhaya iqala ingqeqesho. | (1) |
| 4.6 | Khetha isenzi kunye nexesha kwesi sivakalisi singezantsi.
Abafundi babhala iimviwo zikaDisemba. | (2) |
| | | [10] |

UMBUZO 5

Khetha igama ku KHOLAM B elichaza udidi lwegama ngalinye eliku KHOLAM A. Bhala kuphela inani nonobumba onempendulo echanekileyo. Umz. 5.6 K.

KHOLAM A		KHOLAM B	
5.1	Ukrwada	A	Isikweko
5.2	Entanyeni	B	Isihlanganisi
5.3	Kodwa	C	Isiyaleli
5.4	Njenge	D	Isibizo esimbaxa
5.5	Bhala	E	Isalathisi
		F	Isimelabizo
		G	Isibaluli
		H	Isihlomelo
		I	Isifaniso
		J	Umbuzo buciko

(5 x 1) **[5]****AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UMBONGO**UMBUZO 6**

Fundisisa lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

Indoda endiyithandayo

1. Izole njengezulu ehlotyeni,
2. Iluma njengengqele ebusika.
3. Ilubisi intetho yalo,
4. Yi-oli ukuphuma kwayo.
5. Moya wenzolo ukubetha,
6. Lwandle lethafa ububanzi.
7. Mida yelanga ukusithela,
8. Ziinkwenkwezi zobusuku ukukhanya.
9. Mida yezulu ukuphakama,
10. Nkozo zehlabathi ukuchuma.
11. Ludongwe lwentili ubunzima,
12. Litye lenyangane ukuqina.

Ibhalwe nguZ.S Qangule

- 6.1 Caphula isibizo esisetyenziswe kwisihloko salo mbongo. (1)
- 6.2 Nika iimpawo zendoda zibe mbini ezichazwe kulo mbongo. (2)
- 6.3 Yintoni injongo yokubhalwa kwegama lomntu obhale lo mbongo? (2)
- 6.4 Loluphi udidi lombongo olu? (2)
- 6.5 Safobe sini esisetyenziswe kule miqolo ilandelayo?
 - 6.5.1 Umqolo woku-1. (1)
 - 6.5.2 Umqolo we-4 (1)
- 6.6 Ngumfanekiso ngqondweni wanton osetyenziswe kumqolo wesi-5? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
 - A Wokubamba
 - B Wokubona
 - C Wokungcamla
 - D Wokuva (1)

AMANQAKU ECANDELO C: 10
AMANQAKU EWONKE: 60